# INDLELA YOKUBHALISELA UKUVOTA

**Ukuze uvote xa kukho unyulo eMzantsi Afrika kufuneka uqale ubhalisele ukuba ngumvoti.**

## Ngubani onokubhalisela ukuba ngumvoti?

- Umele ube ngummi woMzantsi Afrika.
- Umele ube neSazisi esiluhlaza nesinebha-khowudi saseMzantsi Afrika (i-ID), i-ID esismartcard okanye isiqinisekiso se-ID yexeshana.
- Umele ube neminyaka eli-16 okanye ngaphezulu (kodwa uza kuqala ukuvota xa uneminyaka eli-18 okanye ngaphezulu).
- Kufuneka ubhalise ngokwakho. Akukho mntu uza kukubhalisela.

**Xa sele ubhalisele ukuvota, akukho mfuneko yokuba uphinde ubhalise ukuze uvote kunyulo olulandelayo.**

Uphinda ubhalise ngokutsha kuphela xa ngaba:
- Ufudukile kwindawo ohlala kuyo yaye uhlala kwindawo ekwesinye isithili sokuvota.
- Kwenzeke utshintsho ngenxa yokusikwa ngokutsha kwemida yezithili zokuvota kunye/okanye iiwadi.

**KHUMBULA: Ukuba akunaso iSazisi esiluhlaza nesinebha-khowudi okanye i-ID esismartcard, kuza kufuneka uyoyenza kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.**

## Kutheni umele ubhalise?

- Kufuneka ubhalise ukuze ubekho kumqulu woluhlu lwabavoti.
- Ukuba akubhalisanga, awunakuvota. Ukuba awuvoti, uzibandeza indlela ebalulekileyo yokwenza izwi lakho livakale.
- Lilungelo noxanduva lwakho ukubhalisa.

## Ungabhalisa phi?

- Bhalisela uvoto ngokwakho kwisitishi sobhaliso kwisithili sokuvota sendawo ohlala kuyo.
- Bhalisa kwi-ofisi ye-IEC ukusuka ngoMvulo ukuya kutsho ngolwesiHlanu ngexesha lomsebenzi. Ngenxa yokuba ubhaliso yinto eqhubekekayo, ungabhalisa nokuba kukho unyulo oluqhubekekayo okanye alukho.
- I-IEC izivula izitishi zayo zobhaliso ngeempelaveki zobhaliso ngaphambi konyulo lukawonke-wonke.

Ensuring free and fair elections

IEC SOUTH AFRICA

IEC FACTSHEET - HOW TO REGISTER TO VOTE (XHOSA).indd 1 2019/01/22 3:34 PM

## Lusebenza njani ubhaliso?

I-barcode yencwadi yakho yeSazisi okanye iSazisi esilikhadi okanye isiQinisekiso seSazisi seThutyana siya kuskenwa. Igosa lobhaliso liza kufaka irisithi kwiSazisi sakho okanye ifomu. Le risithi iza kubonisa:

- Ubungqina besicelo
- Inombolo yakho ye-ID
- Inombolo yesithili sokuvota sesitishi ovota kuso
- Umhla nexesha owenze ngalo isicelo

Kufuneka ugcwalise ifomu yase-IEC yobhaliso. Nceda uqinisekise ukuba idilesi oyinikezelayo ichanekile futhi iphelele.

**KHUMBULA:**

- **Kufuneka unikezele iinkcukacha ezoneleyo malunga nalapho uhlala khona (idilesi yasekhaya epheleleyo okanye inkcazelo ngendawo ohlala kuyo) ukuze i-IEC iqinisekise ukuba ubhalisa kwisithili esichanekileyo sovoto.**
- **Ukubhalisa ikhelingi engeyiyo lityala. Ungathothoza kwezimnyama izisele zentolongo into ethi mayibe yiminyaka eli-10.**
- **Xa uvota kuza kuhlolwa i-ID/ismartcard sakho ukuze kuqinisekiswe ukuba NGUWE.**



## Indlela yokujonga ukuba ubhalisile na.

- Uhamba uyojonga kwi-Ofisi ye-IEC kwingingqi ohlala kuyo ukusuka ngoMvulo ukuya kutsho ngolwesiHlanu ngexesha lomsebenzi.
- Thumela nge-SMS inombolo ye-ID yakho ku-32810.
- Yiya kwiwebhusayithi ye-IEC (www.elections.org.za) ze ulandele ilinki ethi “Ingaba ndilubhalisele uvoto?” (“Am I registered to vote?”)
- Ngaphambi konyulo jikelele, hamba uyojonga kumqulu wabavoti kwisitishi ovota kuso obhaliselwe ukuvota kuso. Ungayenza loo nto ngethuba leempelaveki zokubhalisela uvoto.
- Njengomvoti obhalisiweyo, ungaya kwisiza se- *My IEC* ku: https://www.elections.org.za/MYIEC wenze iprofayili eyeyakho ekhuselekileyo, jonga uhlaziye okanye unikezele idilesi yakho kumqulu woluhlu lwabavoti.
- Unganceda usapho nezihlobo ngokubajonga nabo; khumbula kufuneka inombolo yeSazisi, amagama apheleleyo abo, idilesi nonombolo yeselula okanye idilesi ye-imeyile ukujonga nokuhlaziya iidilesi zabo kumqulu woluhlu lwabavoti.
- Nokuba ubhalisiwe, khumbula ukujonga ukuba idilesi kumqulu woluhlu lwabavoti ihlaziyiwe.
- Ukufumana isikhululo sokuvota esichanekileyo, faka idilesi yakho kwi-app ye-*Voting Station Finder* kwiwebhusayithi ku: http://maps.elections.org.za/vsfinder/ okanye ufowunele kwiziko loqhagamshelwano.




### Ngokuphathelele kwiKomishoni YoloNyulo

IKomishoni yoNyulo liziko elizimeleyo, elingathathi-cala elisekwe phantsi ko-Chapter 9 woMgaqo-siseko. Ilawula unyulo kuzwelonke, iphondo kunye noomasipala. Iqinisekisa ukuba olu nyulo luthembekile, lukhululekile futhi linobulungisa.

### I-ofisi yesizwe

Ifowuni: 012 622 5700
info@elections.org.za
www.elections.org.za
Iziko leenkonzo le-IEC: 0800 11 8000 (ngethuba lonyulo)

Thumela nge-SMS inamba yakho yeSazisi ku-32810 ukujonga ukuba ubhalisile na nalapho ubhaliswe khona (yi-R1 i-SMS nganye).

### Ii-ofisi zamaphondo

| | |
|---|---|
| EMpuma Koloni Ifowuni: | 043 709 4200 |
| EFreyistata Ifowuni: | 051 401 5000 |
| EGauteng Ifowuni: | 011 644 7400 |
| KwaZulu-Natal Ifowuni: | 031 279 2200 |
| ELimpopo Ifowuni: | 015 283 9100 |
| EMpumalanga Ifowuni: | 013 754 0200 |
| EMntla Ntshona Ifowuni: | 018 391 0800/5 |
| EMntla Koloni Ifowuni: | 053 838 5000 |
| ENtshona Koloni Ifowuni: | 021 910 5700 |

Silandele: IECSouthAfrica

IEC FACTSHEET - HOW TO REGISTER TO VOTE (XHOSA).indd 2 2019/01/22 3:34 PM